S.E. Mqhayi: *Imvo Zabantsundu* (07 May 1912), page 1

**U Ndlambe**

*Indlebe ziya kubetabetana*. - Ndlambe

I

U Ndlambe ngunyana opakati ka Rarabe, kuba omkulu unyana ka Rarabe ngu Mlau uyise ka Ngqika. U Mlau lowo ke ubhubhe ese ngumfana, eseko no Rarabe uyise, wabhubha engekayizeki eyona nkosikazi, waye ke eshiya lo Ngqika no Ntimbo besenga makwenkwana. U Ndlambe ke ngoko ube netuba elide epete umbuso wasema Xhoseni logama asakulayo u Ngqika.

U Ndlambe naye uzele kakulu. Inzala yake ngezimini ingangengca le ubuninzi, kuba Imidushane le sisinqe sake, Imiqayi leya nguye, ngumtyutyumezo ke lowo oye wema ngo Mbashe, ndiyishiye intlaninge le iko Mincotsho nozi Nxaruni. Ngokulunga akuko nkosi ibidlula yena kweza kowabo, yena ebefuze ezakulo Tete, nobuninzi obu babantu bake buxela oko. Ama Mfengu awaye citakelele kwa Ndlambe sesisiva ngawo ngale mihla yezikumbuzo ukuba angama Mfengu. Ama Lawu ayehleli isonwabo ku Ndlambe. Undlambe lo kanjalo ubekwa yincwadi {pass), kuba aba Twa bebesiti bakudibana nom-Xosa bambuze ukuba ulunge kubanina, eko u Ndlambe eko u Hahabe (Rarabe). Ubesiti ke umntu ukuze asinde ati ungum-Ndlambe, ukuba uke wati ungum-Rarabe angabinto ikoyo. Wasinda ngelocebo u Gxuluwe, okuya wagqiba ubusuku bonke erorelwa ukungati ngum-Rarabe, kupata kutiwa: “Fung ifunge, Nxhulusha, mna Hahabe!” Ati yena: “Mna Ndlambe.”

II

Uti umntu xa afuna ukubeka u Ndlambe ibala ati: Wamgxota u Ntsikana, akavuma nokumpulapula esiti usapulapula u Nxele. Ewe, kumhla waye sesikweni lakowabo ke apo, kuba ngokwa kwa Xosa umntu ubengalumeli: - ati ekulento abe ekule, ebencina into ibenye ngexesha, yiyo ke ngoko lonto watshoyo ku Ntsikana ukuti, “Indlebe ziya kubetabetana kuba ndisapulapula u Nxele.” Kuti tina sizukulwana sangoku, elolizwi lika Ndlambe lasinceda kakulu ukusikanyisela oyena waba ngumncedi wohlanga, u Nxele no Ntsikana. Ukuba u Nxele waye nqandiwe yinkosi leyo, ngesiba siyaxwitana namhlanje, abanye besiti ngu Nxele owanqandwa ebeza kunceda isizwe, abanye ngebesiti hayi ngu Ntsikana oyena-yena.

Indawo yesibini eyenziwa isigxeko ku Ndlambe, kutiwa walwa no Ngqika ngo Tutula. Xa umntu atshoyo makakumbule ukuba um-Xosa wakudala ubemzekela umfazi ukuba baze bahlulwe kukufa. Lonto ibingenziwa ngqayingqayi njengokuba kusenjiwanjalo apa emlungwini; kodwa ibiluluvo olukoyo nolwendeleyo lwemvelo. Ngoko ke ibiyindawo ka Ndlambe ukuba enze konke anako amputume umntwana wabantu oyalezwe kuye. Esi isizukulwana ulahlwa umntwan' omntu ngokuwa oku, pofu ngabona bafunga bagqasanqe besiti boba bafile ukuze bahlukane.

Kanjalo u Ndlambe waye tetisa umntwana wake. Abakudala abantwana bebede balupale besatetiswa ngoyise.

Lonke unxweme lolwandle olususela ekungeneni kwe Nciba kude kuse e Mnyameni ngapaya kwe Tyelera, zindawo zika Ndlambe ezo, apo ebemana ukuncucalaza, egxumeka ecita, esenza amatanga, exhamla ukutyeba komhlaba wakowabo. Kanti eyona ndawo apelele kuyo, nelingcwaba lake, nantsi kwesi siqingata se Qonce, e Xinira, ngakulo dolopana kutiwa yi Mpongo (Macleantown). Kwase Xinira apo kuko ilitye elikulu elingumkence elise mmangweni, apo kutiwa u Mhlekazi lowo ubebuta kona ebuka ilizwe, ebonisela namaleqe, njalo-njalo. Ibisopulwa inyama ekaya, kuroziswe amadodana, isituba se mayile ukuya kwelo litye, kanti aya kuyifikisa ku Mhlekazi iseshushu, nemihluzi yonke lonto. Nanamhla elo litye laziwa ngokuba li "Lilitye lika Ndlambe, yindawo yembuto yolutsha lwesikolo nolwamaqaba ngemihla ye Cawa.

## III

Lenkosi andiyibonganga ngemihla ebiseko, ebingati mhlaumbi indenze ndigoduke ndihamba ndipambuka; kodwa ke xa kungelilo ityala ukwenjenjalo ndingatsho ukuti:

Kanindip' umtyi ndingen' ezinkosini,

Kanindip' ituba ndingene kubanini lizwe!

Andimbongi yaluto ndiliyolisa-mhlaba;

Kuba mnandi kumanene ndakufika,

Nenkosi ndakubako zicubhuk' intumbu.

Ulel' e Xinira u Ndabanduna,

Ugabul' ilizwe bakwaz' ukulihlala,

Ugos’ elinamandla leligos’ ezulwini,
Apo kuvel’ ozimvula nozintsikelelo,
Xa sitshoy’ asideli magos’ omhlaba,
Kuba naw’ akwisitulo senyawo zo Qamata.
Nank’ ap’ umntan’ owabuyayo yen’ e Xuka,
Wabuy’ e Xuk’ apo kungayi lubuyayo;
Nank’ ap’ umntan’ owawelayo kwa Cihoshe,
Wawela kwa Cihoshe akabuzwa ncwadi;
Nank’ umntan’ owanyatel’ e Qagqiwa,
Wanyatel’ e Qagqiw’ ekaulel’ Ilizwi.
Makalal’ u Ntsikana atet’ opel’ u Nxele,
Az’ atat’ u Ntsikan’ ayigqib’ eyak’ indima.
Kuz’ izizamva zetu zikwaz’ ukugweba,
Zingatsh’ ukuti omnye wabetw’ emlonyeni.
Lau-lentaba! Lau-lentaba! kauze kukangela!
Mtwa wemiqoro! nawe kauze kukangela!
Ulap’u Gabulakula, u Notyelw’ engeva!
Into eyahlumis’ amev’ abuy’ ayenzakalisa.
Int’ ekuhamba kulungileyo kuti tina nto zayo;
Kub’ ose Mnyamen’ upalaz’ amasi,
Kub’ ose Xinir’ udidiyel’ izimba,
Nokulala kwako bawo kulondaw’ akunatyala
Kuba kukulal’ okumbambalala komnini lizwe,
Ukuba bendinguwe bendingayi kwandula ndivuke,
Kude kube yilomin’ umhlab’ uyakuba mtsha.
Nditsho kuba zonk’ iziteto namhla zihlile,

Nosahleliyo mnye nowafayo.

Ukuteta andikukutyeshatyesha namhla,

Kakad' ituba liselide lokuncokolelana.

Kodwa mxelel' u Qamata nyana ka Rarabe,

Yit' "Usapo luguqukile ngasemva,

Ubengatanda lumenzele ntonina yena?

Ngezintsukwana lusanambuzel' emhlabeni?

Ukuze le nongwana ingabi yeka ruxeshe,

Ukuze le nongwana ipume kule ncindi,

Ukuz' elitolana lingabi noqonqa,

Ukuz' ezincinana zizuz' ubom obuhle?"

Mandikuyek' ulale kekaloku Ndabanduna,

Bash' ose Xukashe,

Tambis' amatanga ngapakati

Sigenga ngomkont'[1] ezibukweni!

Ncincilili!!!

[1] ngamkont